



Isikhukukazi noKhozo lombona

Winy Asara
isiXhosa





Isikhukhukazi noKhozo lombona babengabahlobo. Kodwa babehlala bekhuphisana ngalo lonke ixesha. Ngaminazana ithile bagqiba kwelokuba badlale ibhola ekhatywawo ukuze babone ukuba ngowuphi ogqwesayo.

Baya kwibala lebhola baqalisa
ukudlala. Isikhukukazi sasinamendu
kodwa uKhozo lombona
lwalunamendu agqithisileyo.
Isikhukukazi sasikhabela kude,
kodwa uKhozo lombona
lwalukhabela kude kakhulu.
Isikhukukazi saqalisa ukuqumba.






Bagqiba kwelokuba bakhuphisane ngokukhabela kwizinti. Isikhukukazi safumana inqaku elinye kuphela. Yaba lithuba lesikhukukazi ukukhusela inqaku kwizinti.



UKhozo lombona lwakhaba ibhola lwafumana inqaku. UKhozo lombona lwakhaba-khaba ibhola lwafumana inqaku. UKhozo lombona lwabetha ibhola ngentloko lwafumana inqaku. UKhozo lombona lwafumana amanqaku amahlanu.

Isikhukukazi savutha ngumsindo
kuba soyisiwe kumdlalo.
Isikhukukazi sasingakuthandi
ukoyiswa. UKhozo lombona
lwahleka kuba umhlobo walo
wayekhathazeka yinto
engenamsebenzi ngolu hlobo.





Isikhukukazi saba nomsindo
sawuvula umlomo waso saluginya
uKhozo lombona.

Sathi isikhukukazi sisendleleni eya ekhaya sadibana noMama woKhozo lombona. Wabuza wathi uMama woKhozo lombona, “Ingaba umbonile na umntwana wam?” isikhukukazi zange sithethe nto tu. UMama woKhozo lombona waxhalaba kakhulu.





Kwathi kusenjalo uMama woKhozo lombona weva ilizwi elincinane. “Ndincede mama!” latsho eli lizwi. UMama woKhozo lombona wabheka-bheka wamamelisisa. Eli lizwi lalisitsho ngaphakathi kwisikhukukazi.



UMama woKhozo lombona wakhwaza wathi, “Sebenzisa Amandla wakho wobugqi sana lwam!” linkozo zombona ziyakwazi ukwenza ivumba elibi nencasa enganyamezelekiyo. Isikhukukazi saqalisa ukungaziva mnandi.

Isikhukukazi sabhodla. Saginya
satshica. Sathimla sakhohlela.
Sakhohlela kwakhona. Lwalulubi
kakhulu olo khozo lombona.



Isikhukukazi sakhohlela sakhohlela
lwade lwaphuma ukhozo lombona
esiswini sesikhukukazi. UMama
woKhozo lombona nosana lwakhe
barhoqoza benyuka ngomthi besiya
kuzimela.



Ukususela loo mini isikhukukazi
nokhozo lombona baba ziintshaba.



Isikhukuzi noKhozo lombona

Writer: Winny Asara

Illustration: Magriet Brink

Translated By: Kholeka Mabeta

Language: isiXhosa



This story was written by a student teacher at Arua PTC in Uganda.

© African Storybook Initiative, 2015



This work is licensed under a Creative Commons Attribution
(CC-BY) Version 3.0 Unported Licence

Disclaimer: You are free to download, copy, translate or adapt this story and use the illustrations as long as you attribute or credit the original author/s and illustrator/s.